



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

MEYI/JUNI 2024

AMANQAKU: 70


IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-13.



IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:



ICANDELO A:	Uvavanyo Lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni KWEKANDELO NGALINYE.
6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
- ICANDELO A: Imizuzu engama-50
ICANDELO B: Imizuzu engama-30
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A

UKUZINZA NGOKOMOYA NANGOKWENGQONDO

- 1 Ingaba kutheni ukuphumelela kwabantu kushiyana oku kweminwe yesandla? Impendulo isekubeni akulinganwa kakade ngokuzinza engqondweni nangokomoya. Ukuzinza engqondweni nangokomoya kubenza abantu bathathe izigqibo ngokwahlukileyo.
- 2 Ukuzinza ngokomoya nangokwengqondo kungachazwa njengokubanako ukuyondelelanisa iingcinga neemvakalelo ngokokude kuqhambuke izigqibo eziqikekileyo. Kumntu onozinzo ngokomoya nangokwengqondo kubonakala ezi zakhono zilandelayo; ukuzazi, ukukwazi ukuzifaka ezihlangwini zabantu, ukukhuthazeka okungazenzisiyo okusuka kumnini, ukuzilawula, kunye nezakhono zokuphilisana nokuhlalelana nabantu. Intsebenziswano yezakhono ezibalwe ngentla yenza kubenzima ukuzahlula esinye kwesinye xa sezisebenza. 5 10
- 3 UPlato oyingqondi yamaGrike uyixhasa inkcaza engentla yokuzinza ngokomoya nangokwengqondo ngamazwi athi, 'Konke esikufundayo ebomini kudlula kwisihluzo esizimvakalelo.' Angathi kanti unyanisile kuba xa ujonga iimpindulo abantu abazinika njengezizathu zokwenza kwabo ufumanisa ukuba basebenzisa iimvakalelo njengesizathu. Ufika sele becela amaxolo kwabanye, bebeka ukungaqiqisisi phambi kokwenza njengesizathu sokwenza kwabo okuphuthileyo. Maxawambi umntu ubeka ukuvuya kakhulu okanye ukukhathazeka kakhulu nokungaqondi njengonobangela wezenzo. Kukwalapha nokuzincoma xa isiphumo seemvakalelo sihambelene nobekulindelekile. Nalapho umntu sukuba ezincoma ngokuqiqisisa akwenzileyo phambi kokuthatha isigqibo sokwenza kwakhe. Isifundo sesiqapheleka kumazwi abo athi, 'Andisayi kuphinda ndenze ngolu hlobo kuba ndifundile ukuba ukuziyeka ndiphanjwe ziimvakalelo zam kubeneziphumo ezibi. Kungenjalo ndifunde ukuba ukwenza ngohlobo oluthile kuyanceda.' 15 20 25
- 4 Khawucingisise ngesakhono sokulawula iimvakalelo kwisimanga esingezantsi. Yehla imamatile mhla kwakuqubisene amaqela amabini ebhola ekhatywayo dolophini ithile. Yayingunomji sekufuneka iqela eliphumelelayo lifumane inqaku elinye ukuze lidlule kwelinye. Kumxhentso owawuqhuba apho kuyacaca ukuba kwakukho ukuthandaza, ukuminca, ukuqhina okwakudalwa kukuba umntu ngamnye efuna kuphumelele elakhe iqela. Sithe sisajongile nca ibhola ezandleni zikanozinti. Laxhu-u-uma eliwinayo. Kanti ibhola imtshisile unozinti ezandleni, qengqelele ngaphaya komgca. Nenekazi lithile liwe phantsi koko kuvuya labe kanti sele lipholile, likobandayo. Wafika ugqirha seleqinisekisa ukuba umphefumlo sele ungaphaya kweengqimba zamafu. Yintoni? Alikwazanga ukulawula iimvakalelo zalo xa kutshintsha ukuvuya kubelunxunguphalo ngokutshawuza kweliso. 30 35

- 5 Ngelika-Aristotle, nabani uyafikelwa ngumsindo. Yinto elula leyo kodwa ukucaphukela kumntu omele ukucaphukela kuye, ukucaphuka ungagqithisi, ukucaphuka ngexesha esenokulungiseka ngalo into ecaphukisayo, ukucaphuka ngesizathu esibambekayo, nokucaphuka ngendlela esombulula ingxaki, akukho semandleni kawonkewonke kwaye kunzima. Owetyisa amazwi ka-Aristotle ngengqiqo uphuma nombuzo wokuba kuyafundelwa na ukucaphuka. Mhlawumbi impendulo isekubeni kwiindawo zempangelo ufika ooMsindusempumlweni bethunyelwa kwizifundo zoluleko. Izifundo zoluleko zeziquka ukumelana nokucaphuka okukokwakhe umntu, kudlulele ekufundeleni ukumelana nokucaphuka kwabanye abantu abakugalela phezu kwentloko yakhe. Kuyabonakala ukuba sikwilizwe apho kufundelwa nokucaphuka ngengqiqo. 40 45
- 6 Ukuzilawula kukwaqulethe isakhono sokucinga phambi kokwenza hayi ukucinga esenza umntu okanye ukwenza phambi kokuba acinge. Kufuna umntu ongaphulukwayo, ongaphuhlukiyo, ozilindayo, aqige phambi kokwenza. Kungade kuquke nokwaphulela kwiimeko ezithile, apho umntu angaphenduli yonke into. Kungayiquka nemfuneko yokuzama ukungathi uyayiqonda into ungekayiqondi, uthenga ixesha ukuze ungagxuphuleki okanye ungaziboni urhiwula nebingangqalanga kuwe ngqo. 50 55
- 7 **Ewe bakho bona ooWabizwa - abantu abathi kwakucatshukelwa kubo basabele ngokungaphezulu ukucaphuka.** Aba ngabangakwazi ukuhlalelana nabanye abantu. Wumbi uthi enikwa ithuba lokusombulula ingxaki yabaxambulisanayo, enze unxantathu wengxaki ngokuba agqibele eshawuta bobabini abo baxabanayo. We bantu! Kwathini na? Thina sazi abazali bethu ababengayanga nasesikolweni abangabaxolelanisi. Babethi xa ufika ukhala, uzibhuqa usithi ubethiwe sowulandelwa zezinye zingqina kungekabuzwa ukuba eneneni ubethiwe, bakuhlalise phantsi bona bakulungiselele indawo yokuhlala bakulungise bathi, 'Xeleta mna mntanam. Kwenzeke ni?' Lo kwenzekeni nokwathini ke ngoku wayebanesiphumo sokuba uzifumanise ukuba nguwe obhoxe abanye, ukhale uzaphule, uzohlwaya nokuzohlwaya, abuye umzali athi, 'Cela uxolo.' Ulucele ngeso singqalakazi, uvalwe umcimbi kuba uthe waziqonda. Ukuzinza ngokomoya kungenile! 60 65
- 8 Nanjengoko sesitshilo, nokubonakala uzinzile engqondweni nasemoyeni kufuneka kubonwe kwintsebenziswano phakathi kwengqondo yakho neemeko ophantsi kwazo. Kukho abantu abangakwazi ukumelana noxinzelelo. Lusenokuba lolomsebenzi wokufunda okanye wokuphangela. Umntu ongekaphokeki ekuzazini umbona ngokuhlala eqhushumba. Ndikhumbula umntu owadwanguza eprizenta, wacima ikhompyutha, waphuma, kanti ucatshukiswe ngababini abandumzela phaya ngemva. Waba usityile isonka sakhe. Intoni? Wathi esithi, 'Akwaba' kwabe sekukwabekile. Akusebenzisa isixhobo esikukuzibuza umbuzo othi kutheni kahlanu, wafumanisa ukuba uzilimazile ngomsindo wakhe. Mayizinziswe ingqondo nomoya! 70 75

[Sithathwe ku-<https://ideapod.com> saguqulelwa esiXhoseni saze sahlelwa]

ISICATSHULWA B



[Ucatshulwe kwi-intanethi, www.gettyimages.com waze wahlelwa]

IMIBUZO: ISICATSHULWA A

Jonga kumhlathi 1

- 1.1 Khankanya isizathu sokuba kushiyanane okweminwe yesandla ukuphumelela kwabantu ngokwalo mhlathi. (1)
- 1.2 Nika ifuthe lokuzinza ngokwasengqondweni nangokomoya kwizigqibo abazithathayo abantu ngokwalo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 2

- 1.3 Khankanya isakhono esibonakala kumntu onalo uzinzo ngokomoya nangokwengqondo ngokwalo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 3

- 1.4 Xela nasiphi isizathu esichaphazela imvakalelo abasisebenzisa xa bephendula ngokwenza kwabo abantu ngokwalo mhlathi. (1)
- 1.5 Nika intsingiselo yebinzana 'ukuphanjwa ziimvakalelo' ngokomxholo walo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 4

- 1.6 Uyangqina ukuba lisisimanga eli balana likulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 3 no 5

- 1.7 Xhasa uluvo lokuba uPlato noAristotle bayangqinelana ngokuba iimvakalelo zinefuthe ekuzinzeni komoya nengqondo. (2)

Jonga kumhlathi 5

- 1.8 Nika isichasi segama 'uMsindusempumlweni' ngokomxholo wokulawula iimvakalelo. Xhasa impendulo yakho. (2)

- 1.9 Ucinga ukuba izifundo zoluleko lweemvakalelo ziyafuneka? Xhasa impendulo yakho ngokufumana kulo mhlathi. (2)

- 1.10 Caphula umqolo odiza ukuba ukulawula iimvakalelo ngokukuko yingxaki yomntu wonke. (1)

Jonga kumhlathi 6

- 1.11 Xela zibeMBINI iimpawu zomntu onesakhono sokuzilawula ezikulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 7

- 1.12 Xela umsebenzi weqhagamshela kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili. (1)

- 1.13 YINYANI/BUBUXOKI ukuba kufundelwa esikolweni kuphela ukuxolelanisa? Xhasa impendulo yakho ngokugulethwe ngulo mhlathi. (2)

- 1.14 Chaza ukuba ivuselela luvakalelo luni emntwaneni obethe omnye indlela abazali ababaghelisa ngayo ukuzinzisa umoya kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 8

- 1.15 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

- 1.16 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Isivakalisi esithi, 'Waba usityile isonka sakhe' ngokomxholo wesicatshulwa sithetha ukuba waba ...

- A uwugqibile umphako.
B uziphelelise ngomsebenzi.
C uziphe ikhefu.
D uthanda umsebenzi.

IMIBUZO ISICATSHULWA A NO B

- 1.17 Xela zibeziBINI izakhono ezifumaneka kumhlathi we-6 asilela kuzo umnumzana okumfanekiso. (2)
- 1.18 Nika umntu osemfanekisweni isisombululo esicetyiswa kumhlathi we-6 sokuzikhupha kwimeko akuyo ngokwesicatshulwa B. (2)
- 1.19 Xela udidi lwabantu abafanele ukufunda ezi zicatshulwa zibini. Xhasa uluvo lwakho. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30



UMBULO 2: UKUSHWANKATHELA

QAPHELA:

- ## ISICATSHULWA C

Abantu bayakhawuleza ukubona iziphoso zabanye. Xa usoloko ubona okuhle ngaphezu kokungalunganga kwabanye abantu ulungile. Ubenza abantu bazive bexabisekile baze bazibone sebesenza okuhle nangakumbi. Ukugada iziphene kuphela kuyadodobalisa kogadileyo nakogadiweyo.

Ukukhuthaza nokomeleza abanye sisenzo sokulunga kosenzayo. Ungangahlali wonwabile, kodwa ukwazi ukwabelana nabanye ngolonwabo. Uva kamnandi umntu wakuyiqaphela, umxelele into ayenze ngokuzimisela nokuba uyayazi ukuba akayiphumezanga. Kukukhuthaza ukwenjenjalo. Nokwenza into ungajonganga kunconywa kuyabakhuthaza basebenze nawe bengenaxhala lakuncomana namalinge akho.

Kukho abantu abathi bakuxhokonxwa babe nabo sele belungele ukubasa kuba besithi bakhathaziwe. Ukuba uyakwazi ukuzibamba, uhle, ungakhalazi, wenze konke okusemandleni akho, uqhoboshe ulwimi lwakho, ungaphenduli konke, ulungile.

[Sithathwe ku-<https://hackspirit.com/traits-show-your-good-person/> saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA D



[Sicatshulwe kwi-intanethi, www.googleimages.com saze sahlelwa]

- 3.1 Xela ingxaki yabathengi esithembisa ngokuyisombulula isibhengezo. (1)
- 3.2 Caphula kwisibhengezo ibinzana negama elithetha ukuba iinkonzo zisoloko zifumaneka. (2)
- 3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi ukuphendula lo mbuzo ulandelayo.
- Umfanekiso wendlovu nentombazana umthundeza njani umthengi ukuba alangazelele inkonzo ethengiswayo?
- A Umgxagxamisa ngamagama amaninzi anezisongelo.
B Umthembisa ngenkonzo emahala yabantwana aza kuyifumana.
C Utsala iinkumbulo ezichukumisa intlungu ayoyikayo yokusindwa.
D Umbuza imibuzo efuna acinge nzulu ngentlungu yokusindwa. (1)
- 3.4 Caphula kwisivakalisi esingezantsi igama ELINYE, elithetha ukuba inkonzo yothutho yakwaNaninina igqitha ngaphaya kweemeko.
- Sikuthatha nokuba uphi naninina. (1)
- 3.5 Xela udidi lwesafobe esiqulethwe ngulo mfanekiso wandule uchaze ukuba sibenza njani abathengi ukuba baqonde ingxaki abakuyo. (2)

- 3.6 Lo mfanekiso ubonakala unaluvo luni ngabantu ababhinqileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.7 Nika ubungqina bokuba esi sibhengezo ntengiso siloba ngenjongo yokukhohlisa abathengi. (1)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA E



[Sicatshulwe ku-<https://www.google.com/search>]

- 4.1 Caphula kwisakhelo soku-1 igama elixela ukuba uSikho uyamhlonipha uBhuqa. (1)
- 4.2 Chaza ukuba isakhelo soku-1 nesesi-2 zibonise njani ukuba uBhuqa akamkhathalelanga uSikho (a) ngokomzimba (b) ngokwamagama. (2)
- 4.3 Xela uphawu lokuzoba olubonisa ukuba isandla sikaSikho siyashukuma kwisakhelo sesi-3. (1)
- 4.4 Chaza umahluko kwindlela uBhuqa nomzobi wekhathuni abayithatha ngayo into ethethwa ngumntwana. (2)
- 4.5 Gqibezela intetho kaSikho ekwisakhelo sesi-3 ngokuhambelana nebali lekhathuni. (1)
- 4.6 Nika imfundiso yemifanekiso nesigama sale khathuni kubantu abangabamameliyo abantwana. (1)
- 4.7 Ucinga ukuba uBhuqa umele kukuziva ephoxekile emva kokuba ewile? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F), singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

MHLA SANCAMA

- 1 'Nanku, mama! nanku tata!' Sothuswe ngala mazwi sihleli nomfazi, kanti yintwana yethu yokuqala uCholani. Nantso isiza ikhemezela, indlandlatheka, kubonakala ukuba ngenene iyibonile into eyoyikekayo.
- 2 'Mama, ndimbonile umama uNovenkile; uqale kuloBuyiswa, wacela icephe lekofu, waphuma apho waya kuloNtaphane wacela icephe leswekile.' 5
Kuthe esakhefuzela njalo uCholani wangena umninawa wakhe, naye ematshekile. Uthe yena kwangentsasa leyo ngokuya ebeye kuloMazwi ubone kungena intwanazana kaNovenkile uFaniswa, iye kucelela unina amagqabi eti. Uthe xa aphumayo uFaniswa wahamba naye, wamshiya engena kuloLulama esiya kucela ityuwa. 10
- 3 Kuthe esaqhuba njalo, saziva **izingqi** zikaNovenkile, esiza. Sifane sajongana nomfazi lisikhohlile. Ngenene, ngenene, asibantu bakhe babizwa ngale nto kuthiwa kukuvimba. Endaweni yaloo nto side saduma ngento yokuba singabantu abachitha kakhulu kodwa into eyayisenziwa nguNovenkile kuloo lali yayinokujika nengelosi ibe similo simbi. Lo mfazi wayevuka ngonyezi ayithunge yonke ilali, 15
kude kube lucolothi ehamba ecela.

[Sicatshulwe kwincwadi *Imbadu* ebhalwe nguGB Sinxo iphepha1 sahlelwa]

- 5.1 Khankanya iimpawu zobhalo lwentetho ngqo ezibonakala kwisivakalisi esibhalwe ngezantsi. (1)
'Nanku, mama! nanku tata!'
- 5.2 Chonga izenzeko eziBINI eziqhubeka ngaxeshanye kwisivakalisi esingezantsi. (2)
Nantso isiza, ikhemezela, indlandlatheka, kubonakala ukuba ngenene iyibonile into eyoyikekayo.
- 5.3 Sebenzisa isiqu sesibizo esinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi uze usisebenzise kwisivakalisi. (1)
Mama, ndimbonile umama uNovenkile.

- 5.4 YINYANI/BUBUXOKI ukuba igama, 'wakhe' elikwisivakalisi esilandelayo lithetha ukuba umninawa kaCholani wenze indlu ngokomxholo? Nika isizathu sempendulo yakho.
- Kuthe esakhefuzela njalo uCholani wangena umninawa **wakhe**. (2)
- 5.5 Chonga igama elixela ixesha kwisivakalisi esingezantsi.
- Uthe yena kwangentsasa leyo ngokuya ebeye kuloMazwi ubone uFaniswa. (1)
- 5.6 Chaza umahluko kwintsingiselo eziswa zizimamva ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wesi-2 nowesi-3. (2)
- 5.7 Lungisa isiphene kwigama elibhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-3. (1)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70





basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

MEYI/JUNI 2024

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 70

Olu viwo lunamaphepha asi-8.

QAPHELA

- Esi sikhokelo sokumakisha senzewe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- **AKUNIKWA** manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Ilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzelelo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

- 1.1 Kungokuba akulinganwa ngokuzinza engqondweni nangokomoya.✓ (1)
- 1.2 Abantu bathatha izigqibo ngokwahlukileyo.✓ (1)
- 1.3 Ukuzazi✓// ukukwazi ukuzifaka ezihlangwini zabantu✓// ukukhuthazeka okungazenzisiyo okusuka kumnini✓// ukuzilawula✓// kunye nezakhono zokuphilisana nokuhlalelana nabantu.✓
(Nayiphi kwezi.) (1)
- 1.4 Babeka isizathu sokungaqiqisisi.✓//babeka ukuvuya kakhulu✓//ukukhathazeka kakhulu✓//ukungaqondi.✓
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 1.5 Kukuba iimvakalelo zimenza avakalelwe ngohlobo angamelanga ukuvakalelwa ngalo ngokwemeko ajongene nayo.✓//iimvakalelo zimlahlekisile zamvisa ngohlobo olungelulo ebekumele eve ngalo.✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (1)
- 1.6 Ndiyangqina kuba kube sisimanga ukubhubha komntu ogqityelwe evuya ngexesha elincinci.✓✓

OKANYE

- Andingqini ukuba lisisimanga kuba ikho ezincwadini into yokuba ukwahlulelana kovuyo nentlungu ngokuqhanyaza kweliso kunganesiphumo esikukufa xa umntu engenawo amandla okulawula iimvakalelo njengeli nenekazi.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
- 1.7 Ndiluxhasa ngokuthi xa uPlato esithi ukuzinza ngokomoya kudlula kwisihluzo seemvakalelo abe noAristotle esithi wonke umntu unako ukucaphuka kodwa makawulawule umsindo wakhe, kuthetha ukuthi bobabini bangqina ukusebenzisana kweemvakalelo nokuzinza ngokomoya.✓✓ (2)
- 1.8 UMsinduselunyaweni✓//Umsindusemaqatheni✓// uZekakadumsindo✓// uQiqqa✓// uNobulali✓// uMsinduzakade ✓ kuba yena owakhe umsindo ufika kade.✓ (2)
- 1.9 Ziyafuneka xa zinokubakhona kuba ngokwalo mhlathi u-Aristotle uthi ukucaphuka yingxaki yomntu wonke.✓✓//Ngokwalo mhlathi kuthiwa zikhona izifundo ezinikwa abaphangeli.✓✓//Ngokwalo mhlathi kubalwa izifundo zoluleko eziquka ukumelana nokucaphuka komntu nezifundisa abantu ukumelana nokucaphuka kwabanye abantu kanti zikho nezijongene nokucaphuka ngengqiqo.✓✓ (2)
- 1.10 'Kuyabonakala ukuba sikwilizwe apho kufundelwa nokucaphuka ngengqiqo.'✓✓ (1)

- 1.11 Kukucinga phambi kokwenza✓/Kukwaphulela✓/Kukwenza ngathi uyayiqonda into.✓/ Umntu ongaphulukwayo✓/ ongaphuhlukiyo✓/ozilindayo✓/ oqiqayo phambi kokwenza.✓
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)
- 1.12 Kukukrobisa umntu ofundayo kwinkcaza eza kulandela emva kwalo.✓ (1)
- 1.13 Bubuxoki kuba ngokwalo mhlathi abazali ababexolelanisa babengakuyelanga esikolweni ukuxolelanisa.✓✓ (2)
- 1.14 Lokuziqonda✓ kuba umntwana obengakwazanga ukulawula iimvakalelo zakhe uzibona kwangokwakhe iimpazamo zakhe kungekho luxinzelelo.✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
- 1.15 Yeyokuzinza engqondweni nasemoyeni ngokweemeko ophantsi kwazo.✓✓ (2)
- 1.16 B/B. Waba uziphelelise ngomsebenzi./ Waba uziphelelise ngomsebenzi.✓ (1)
- 1.17 Sesokuqika phambi kokwenza.✓ Sesokuzilinda.✓
(Naziphi na izakhono ezikhankanywe kumhlathi we-6.) (2)
- 1.18 Makafunde ukwaphulela kwiimeko ezithile.✓✓/Makangaphenduli yonke into.✓✓/ Makacinge phambi kokwenza.✓✓/ Makazinze angamane aphuhluke nje.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo ethetha le ikwimpendulo.) (2)
- 1.19 Ngabantu abangenalwazi ngemiba yokulawula iimvakalelo.✓ Zinika ingcaciso zenze nemiboniso ekholelekayo nefundisa ngokulawula iimvakalelo.✓/ Ngabantu abasasilela kwizakhono ezifundiswe zezi zicatshulwa ezifana nokuzilinda, ukucaphuka ngengqiqo nezinye✓ kuba iingcaciso ekwezi zicatshulwa iyazinika izisombululo zezi ngxaki.✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi na iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane)

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1.	'Umntu olungileyo ngokwazi ukuhlala elizwini lakhe angagungqi.'	1.	Umntu olungileyo akayijiki into ayithethileyo nokuba imeko ithini.
2.	'Ulungile umntu ongabiluxanduva kwabanye abantu.'	2.	Akabingumthwalo mntwini umntu olungileyo.
3.	'Xa ukwamkela ukungaboni ngasonye kwakho nabanye ungumntu olungileyo.'	3.	Xa ukwazi ukumamela izimvo zabanye abantu unganyanzelisi ezakho kuphela ulungile.
4.	'Kukho abantu abangacingi kabini phambi kokuba bancede omnye umntu.'	4.	Umntu olungileyo usoloko ekulungele ukunceda abantu maxa onke.
5.	'Xa usoloko ubona okuhle ngaphezu kokungalunganga kwabanye abantu ulungile.'	5.	Iimpazamo zabanye abantu akaziqapheli koko uqaphela izinto ezintle abazenzayo kuphela nezimenza esoloko ebajonga ngeliso lothando.
6.	'Ukukhuthaza nokomeleza abanye sisenzo sokulunga kosenzayo.'	6.	Abalahlekelwe lithemba ubanika ithemba ngokubapha amandla okujongana neningeni.
7.	'Ukuba uyakwazi ukuzibamba, uhle, ungakhalazi, wenze konke okusemandleni akho, uqhoboshe ulwimi lwakho, ungaphenduli konke, ulungile.'	7.	Umntu olungileyo iimvakalelo zakhe uyakwazi ukuzilawula, akathethi xa kungekho mfuneko kwaye yonke into ayenzayo uyenza ngokuzimisela oko.

[70 amagama]

UKUBHALWA NGOKOMHLATHI

QAPHELA: Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

UMHLATHI

Umntu olungileyo akayijiki into ayithethileyo nokuba imeko ithini. Akabingumthwalo mntwini umntu olungileyo. Xa ukwazi ukumamela izimvo zabanye abantu unganyanzelisi ezakho kuphela ulungile. Umntu olungileyo usoloko ekulungele ukunceda abantu maxa onke. Iimpazamo zabanye abantu akaziqapheli koko uqaphela izinto ezintle abazenzayo kuphela nezimenza esoloko ebajonga ngeliso lothando. Abalahlekelwe lithemba ubanika ithemba ngokubapha amandla okujongana nemingeni. Umntu olungileyo uyakwazi ukuzilawula iimvakalelo zakhe, akathethi xa kungekho mfuneko kwaye yonke into ayenzayo uyenza ngokuzimisela oko.

[70 amagama]

Ukumakisha isishwankathelo:

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
 - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
 - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
 - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
 - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
 - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

QAPHELA:

- **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ukumakisha iCANDELO C

Umakisho lweCANDELO C:

- Upelo
 - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizivakalisi eziphelelyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
 - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi eziphelelelyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuphelelelyo, iyamkeleka.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

- 3.1 Yingxaki yokusindwa yimithwalo.✓ (1)
- 3.2 Nokuba uphi✓/nanini.✓ (2)
- 3.3 C✓/Utsala iinkumbulo ezichukumisa intlungu ayoyikayo yokusindwa.✓ (1)
- 3.4 Nokuba.✓ (1)
- 3.5 Ufaniso/lubaxo/isikweko✓ kukudala umfanekiso ntelekelelo wengxaki akuyo.✓ (2)
- 3.6 Lokuba amabhinqa ngabantu abanamandla✓ kuba indlovu ayilibotyozanga ibhinqa nayo ayiwanga nangona liyithwele.✓
(Makuqatshelwe ukuba impendulo mayisekwe kwisibhengezo-ntengiso hayi kulwazi ahleli enalo umviwa ngabantu ababhinqileyo nasemakhaya. Makujongwe nokufunqulwa nokubelekwa.)

OKANYE

- Lokuba ngabantu bokusizelwa✓ kuba xa efuna bazithengele le nkonzo usebenzisa ubungcekengceke bomzimba wabo ukubathundeza ukuze baqale ngokuzisizela.✓ (2)
- 3.7 Isibhengezo xa sisithi umntwana wesine uthathwa mahala sithetha ukuba umntu ufumana isaphulelo emva kokuba sele ehlawulele isithathu sonke.✓/ siloba ngenjongo yokubakhohlisa xa isaphulelo sifumaneka kowesine kuphela umntwana kuba amakhaya amaninzi anabantwana ngababini hayi abane.✓/ Umntwana wesine simthatha mahala.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (1)

UMBUZO 4: IKHATHUNI

- 4.1 'Mhlekazi'.√ (1)
- 4.2 (a) UBhuqa uqolozele efownini.√(b) 'Ke?√//Hlukana nam mntandini'.√ (2)
- 4.3 Imigca engqonge isandla sikaSikho.√ (1)
- 4.4 UBhuqa uyithatha ngokuba ayibalulekanga kanti umzobi uyithatha ngokuba ibalulekile.√√ (2)
- 4.5 Uza kuwa!√/...wa√/ uza kukhubeka√/ uza kulimala. √ (1)
- 4.6 Zifundisa ukuba umntu ongabamameliyo abantwana njengoBhuqa uyohlwaywa.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (1)
- 4.7 Ewe, umele ukuziva ephoxekile akuqonda ukuba uwe kuba engakhange amnamele umntwana onguSikho.√√

OKANYE

Hayi, akamelanga kuziva ephoxekile kuba ebehleli kakade ehamba ejonge efowunini, usengacinga ukuba uwiswe kukujonga ifoni.√√/Hayi, akamelanga kuziva ephoxekile kuba ebehleli engakhathalelanga mntwana kakade.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.)

(2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

- 5.1 Ziimpawu zocaphulo.√/ limpawu zokhuzo.√
(Nayiphi kwezi.) (1)
- 5.2 Isiza√ /ikhemezela√ indlandlatheka√.
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)
- 5.3 Ivenkile yakwaMehlomane yatshona√/ livenkile zasezilalini zithengisa yonke into.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (1)
- 5.4 Bubuxoki u'wakhe' uthetha ukuba yekabani.√√/ 'Wakhe' – uyambanga√√/
Bubuxoki u'wakhe' sisimnini.√√ (2)
- 5.5 Kwangentsasa√/ngokuya. √ (1)
- 5.6 Kwigama 'intwanazana' u-ana uzisa intsingiselo yokuba intombazana iselula/
incinci ngokobudala.√
Kwisenzi 'sajongana', u'ana' uzisa intsingiselo yokuba isenzeko senzeka macala.√ (2)
- 5.7 Izingqi.√ (1)

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

MEYI/JUNI 2024

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 70

Olu viwo lunamaphepha asi-8.

QAPHELA

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelve ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- **AKUNIKWA** manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

- 1.1 Kungokuba akulinganwa ngokuzinza engqondweni nangokomoya.✓ (1)
- 1.2 Abantu bathatha izigqibo ngokwahlukileyo.✓ (1)
- 1.3 Ukuzazi✓// ukukwazi ukuzifaka ezihlangwini zabantu✓// ukukhuthazeka okungazenzisiyo okusuka kumnini✓// ukuzilawula✓// kunye nezakhono zokuphilisana nokuhlalelana nabantu.✓ (1)
(Nayiphi kwezi.)
- 1.4 Babeka isizathu sokungaqiqisisi.✓//babeka ukuvuya kakhulu✓//ukukhathazeka kakhulu✓//ukungaqondi.✓ (1)
[Nayiphi kwezi.)
- 1.5 Kukuba iimvakalelo zimenza avakalelwe ngohlobo angamelanga ukuvakalelwa ngalo ngokwemeko ajongene nayo.✓//iimvakalelo zimlahlekisile zamvisa ngohlobo olungelulo ebekumele eve ngalo.✓ (1)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)
- 1.6 Ndiyangqina kuba kube sisimanga ukubhubha komntu ogqityelwe evuya ngexesha elincinci.✓✓

OKANYE

- Andingqini ukuba lisisimanga kuba ikho ezincwadini into yokuba ukwahlulelana kovuyo nentlungu ngokuqhwanjaza kweliso kunganesiphumo esikukufa xa umntu engenawo amandla okulawula iimvakalelo njengeli nenekazi.✓✓ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)
- 1.7 Ndiluxhasa ngokuthi xa uPlato esithi ukuzinza ngokomoya kudlula kwisihluzo seemvakalelo abe noAristotle esithi wonke umntu unako ukucaphuka kodwa makawulawule umsindo wakhe, kuthetha ukuthi bobabini bangqina ukusebenzisana kweemvakalelo nokuzinza ngokomoya.✓✓ (2)
- 1.8 UMsinduselunyaweni✓//Umsindusemaqatheni✓// uZekakadumsindo✓// uQiqqa✓// uNobulali✓// uMsinduzakade ✓ kuba yena owakhe umsindo ufika kade.✓ (2)
- 1.9 Ziyafuneka xa zinokubakhona kuba ngokwalo mhlathi u-Aristotle uthi ukucaphuka yingxaki yomntu wonke.✓✓//Ngokwalo mhlathi kuthiwa zikhona izifundo ezinikwa abaphangeli.✓✓//Ngokwalo mhlathi kubalwa izifundo zoluleko eziquka ukumelana nokucaphuka komntu nezifundisa abantu ukumelana nokucaphuka kwabanye abantu kanti zikho nezijongene nokucaphuka ngengqiqo.✓✓ (2)
- 1.10 'Kuyabonakala ukuba sikwilizwe apho kufundelwa nokucaphuka ngengqiqo.'✓✓ (1)

- 1.11 Kukucinga phambi kokwenza✓/Kukwaphulela✓/Kukwenza ngathi uyayiqonda into.✓/ Umntu ongaphulukwayo✓/ ongaphuhlukiyo✓/ozilindayo✓/ oqiqayo phambi kokwenza.✓
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)
- 1.12 Kukukrobisa umntu ofundayo kwinkcaza eza kulandela emva kwalo.✓ (1)
- 1.13 Bubuxoki kuba ngokwalo mhlathi abazali ababexolelanisa babengakuyelanga esikolweni ukuxolelanisa.✓✓ (2)
- 1.14 Lokuziqonda✓ kuba umntwana obengakwazanga ukulawula iimvakalelo zakhe uzibona kwangokwakhe iimpazamo zakhe kungekho luxinzelelo.✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
- 1.15 Yeyokuzinza engqondweni nasemoyeni ngokweemeko ophantsi kwazo.✓✓ (2)
- 1.16 B/B. Waba uziphelelise ngomsebenzi./ Waba uziphelelise ngomsebenzi.✓ (1)
- 1.17 Sesokuqiga phambi kokwenza.✓ Sesokuzilinda.✓
(Naziphi na izakhono ezikhankanywe kumhlathi we-6.) (2)
- 1.18 Makafunde ukwaphulela kwiimeko ezithile.✓✓/Makangaphenduli yonke into.✓✓/ Makacinge phambi kokwenza.✓✓/ Makazinze angamane aphuhluke nje.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo ethetha le ikwimpendulo.) (2)
- 1.19 Ngabantu abangenalwazi ngemiba yokulawula iimvakalelo.✓ Zinika ingcaciso zenze nemiboniso ekholelekayo nefundisa ngokulawula iimvakalelo.✓/ Ngabantu abasasilela kwizakhono ezifundiswe zezi zicatshulwa ezifana nokuzilinda, ukucaphuka ngengqiqo nezinye✓ kuba iingcaciso ekwezi zicatshulwa iyazinika izisombululo zezi ngxaki.✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi na iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane)

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1.	'Umntu olungileyo ngokwazi ukuhlala elizwini lakhe angagungqi.'	1.	Umntu olungileyo akayijiki into ayithethileyo nokuba imeko ithini.
2.	'Ulungile umntu ongabiluxanduva kwabanye abantu.'	2.	Akabingumthwalo mntwini umntu olungileyo.
3.	'Xa ukwamkela ukungaboni ngasonye kwakho nabanye ungumntu olungileyo.'	3.	Xa ukwazi ukumamela izimvo zabanye abantu unganyanzelisi ezakho kuphela ulungile.
4.	'Kukho abantu abangacingi kabini phambi kokuba bancede omnye umntu.'	4.	Umntu olungileyo usoloko ekulungele ukunceda abantu maxa onke.
5.	'Xa usoloko ubona okuhle ngaphezu kokungalunganga kwabanye abantu ulungile.'	5.	Iimpazamo zabanye abantu akaziqapheli koko uqaphela izinto ezintle abazenzayo kuphela nezimenza esoloko ebajonga ngeliso lothando.
6.	'Ukukhuthaza nokomeleza abanye sisenzo sokulunga kosenzayo.'	6.	Abalahlekelwe lithemba ubanika ithemba ngokubapha amandla okujongana nemingeni.
7.	'Ukuba uyakwazi ukuzibamba, uhle, ungakhalazi, wenze konke okusemandleni akho, uqhoboshe ulwimi lwakho, ungaphenduli konke, ulungile.'	7.	Umntu olungileyo iimvakalelo zakhe uyakwazi ukuzilawula, akathethi xa kungekho mfuneko kwaye yonke into ayenzayo uyenza ngokuzimisela oko.

[70 amagama]

UKUBHALWA NGOKOMHLATHI

QAPHELA: Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

UMHLATHI

Umntu olungileyo akayijiki into ayithethileyo nokuba imeko ithini. Akabingumthwalo mntwini umntu olungileyo. Xa ukwazi ukumamela izimvo zabanye abantu unganyanzelisi ezakho kuphela ulungile. Umntu olungileyo usoloko ekulungele ukunceda abantu maxa onke. Iimpazamo zabanye abantu akaziqapheli koko uqaphela izinto ezintle abazenzayo kuphela nezimenza esoloko ebajonga ngeliso lothando. Abalahlekelwe lithemba ubanika ithemba ngokubapha amandla okujongana neningeni. Umntu olungileyo uyakwazi ukuzilawula iimvakalelo zakhe, akathethi xa kungekho mfuneko kwaye yonke into ayenzayo uyenza ngokuzimisela oko.

[70 amagama]

Ukumakisha isishwankathelo:

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
 - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
 - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
 - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
 - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
 - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

QAPHELA:

- **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ukumakisha iCANDELO C

Umakisho lweCANDELO C:

- Upelo
 - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizivakalisi eziphelelyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
 - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi eziphelelelyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuphelelelyo, iyamkeleka.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

- 3.1 Yingxaki yokusindwa yimithwalo.✓ (1)
- 3.2 Nokuba uphi✓/nanini.✓ (2)
- 3.3 C✓/Utsala iinkumbulo ezichukumisa intlungu ayoyikayo yokusindwa.✓ (1)
- 3.4 Nokuba.✓ (1)
- 3.5 Ufaniso/lubaxo/isikweko✓ kukudala umfanekiso ntelekelelo wengxaki akuyo.✓ (2)
- 3.6 Lokuba amabhinqa ngabantu abanamandla✓ kuba indlovu ayilibotyozanga ibhinqa nayo ayiwanga nangona liyithwele.✓
(Makuqatshelwe ukuba impendulo mayisekwe kwisibhengezo-ntengiso hayi kulwazi ahleli enalo umviwa ngabantu ababhinqileyo nasemakhaya. Makujongwe nokufunqulwa nokubelekwa.)

OKANYE

- Lokuba ngabantu bokusizelwa✓ kuba xa efuna bazithengele le nkonzo usebenzisa ubungcekengceke bomzimba wabo ukubathundeza ukuze baqale ngokuzisizela.✓ (2)
- 3.7 Isibhengezo xa sisithi umntwana wesine uthathwa mahala sithetha ukuba umntu ufumana isaphulelo emva kokuba sele ehlawulele isithathu sonke.✓/ siloba ngenjongo yokubakhohlisa xa isaphulelo sifumaneka kowesine kuphela umntwana kuba amakhaya amaninzi anabantwana ngababini hayi abane.✓/ Umntwana wesine simthatha mahala.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (1)

UMBUZO 4: IKHATHUNI

- 4.1 'Mhlekazi'.√ (1)
- 4.2 (a) UBhuqa uqolozele efownini.√(b) 'Ke?√//Hlukana nam mntandini'.√ (2)
- 4.3 Imigca engqonge isandla sikaSikho.√ (1)
- 4.4 UBhuqa uyithatha ngokuba ayibalulekanga kanti umzobi uyithatha ngokuba ibalulekile.√√ (2)
- 4.5 Uza kuwa!√/...wa√/ uza kukhubeka√/ uza kulimala. √ (1)
- 4.6 Zifundisa ukuba umntu ongabamameliyo abantwana njengoBhuqa uyohlwaywa.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (1)
- 4.7 Ewe, umele ukuziva ephoxekile akuqonda ukuba uwe kuba engakhange amnamele umntwana onguSikho.√√

OKANYE

Hayi, akamelanga kuziva ephoxekile kuba ebehleli kakade ehamba ejonge efowunini, usengacinga ukuba uwiswe kukujonga ifoni.√√/Hayi, akamelanga kuziva ephoxekile kuba ebehleli engakhathalelanga mntwana kakade.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.)

(2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

- 5.1 Ziimpawu zocaphulo.√/ limpawu zokhuzo.√
(Nayiphi kwezi.) (1)
- 5.2 Isiza√ /ikhemezela√ indlandlatheka√.
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)
- 5.3 Ivenkile yakwaMehlomane yatshona√/ livenkile zasezilalini zithengisa yonke into.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (1)
- 5.4 Bubuxoki u'wakhe' uthetha ukuba yekabani.√√/ 'Wakhe' – uyambanga√√/
Bubuxoki u'wakhe' sisimnini.√√ (2)
- 5.5 Kwangentsasa√/ngokuya. √ (1)
- 5.6 Kwigama 'intwanazana' u-ana uzisa intsingiselo yokuba intombazana iselula/
incinci ngokobudala.√
Kwisenzi 'sajongana', u'ana' uzisa intsingiselo yokuba isenzeko senzeka macala.√ (2)
- 5.7 Izingqi.√ (1)

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70